



**IIMVAVANYO ZONYAKA NONYAKA KUZWELONKE 2013
ISIKHOKELO SOHLOLO
ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA
IBANGA 3**

INTSHAYELELO

Umjikelo wama-2013 woHlolo Lonyaka Nonyaka kuZwelonke (ANA 2013) uza kunikezelwa uze ubhalwe kuzo zonke izikolo zikawonkewonke nezo zizimeleyo zinyuliweyo ukusukela ngomhla we-10 ukuya kowe-13 kuSeptemba 2013. Ngeli xesha bonke abafundi bebanga loku-1 ukuya kwibanga lesi-3 baza kubhala uvavanyo lukaZwelonke loLwimi neMathematika (Izibalo). Iziphumo ziya kusetyenziswa ukunika ingxelo malunga nenkqubela enxulumene nokuphunyezwa kweenjongo ebezisekwe kwisicwangciso sokusebenza sama-2014, esibhekiselele kwimfundo yama-2025 (*Action Plan 2014 Towards Schooling 2025*).

Iimvavanyo zoHlolo Lonyaka Nonyaka kuZwelonke (ANA) ziza kubhalwa ngekota yesithathu, ngoko ke iSebe leMfundo esisiSeko (DBE) lenze amaxwebhu asiSikhokelo soHlolo sebanga nesifundo ngasinye (uLwimi neMathematika) acacisa umxholo wekharithulam ekulindeleke ukuba ube ufundiwe ngabafundi phambi kokuba babhale uvavanyo. Izikhokelo zoHlolo zicacisa umyinge womsebenzi oya kubuzwa kuvavanyo lwebanga ngalinye nesifundo ngasinye.

ISIGABA ESISISISEKO

Kumabanga 1 – 3, iimvavanyo ziya kubuzwa kumsebenzi omiselwe ukwenziwa kwiikota ezintathu zokuqala zonyaka. Izikhokelo zoHlolo zigcwangciswe ngokweekholam ezintathu: Izakhono; Umxholo Ohlolwayo; Esona Sakhono Siza Kuhlolwa.

Kubalulekile ukuqaphela ukuba iSikhokelo soHlolo Lonyaka Nonyaka kuZwelonke-2013 (ANA 2013) asithethi kuthi lo myinge ulinganiselweyo kuphela kwento emayifundiswe nemayifundwe ngonyaka. Endaweni yoko ezi zikhokelo zinika ubuncinane beemfuneko ezisisiseko zekharithulam ekumele ukuba zigqityiwe ekupheleni kwekota yesithathu esikolweni.

Kulindeleke ukuba ootitshala basebenzise ezi zikhokelo zoHlolo kunye nezinye izixhobo ekufundiseni kwabo nakwiinkqubo zokuhlola.

IZAKHONO	UMXHOLO OHLOLWAYO Kuvavanywa ukuba umfundi uyakwazi uku ...	IZAKHONO EZINGUNDOQO
UKUFUNDA NEZANDI	xoxa:	
	ngengcinga ephambili (umxholo) webali	Nika esona sihloko silungele ibali
	ngabalinganiswa abaphambili ebalini	Khetha impendulo echanelekileyo ukubonisa ulwazi ngokwabalinganiswa basebalini
	ngesimo sentlalo apho ibali lifumaneka khona	Khetha impendulo echanelekileyo ukubonisa ulwazi ngokwesimo sentlalo ebalini
	ngokulandelana kweziganeko	Phawula ngamanani ulandelanisa izivakalisi zebali ngokuchanekileyo
	ngonxulumano lonobangela nesiphumo	Nakana unobangela ngeziganeko ezinxulumene nebali
	ngokuphendula imibuzo ekwizinga okanye inqanaba eliphezulu kwitekisi efundiweyo umz: ngokunika uluvo	Phendula umbuzo othe ngqo unika olwakho uluvo
	ngokusebenzisa imikhondo ebonwayo ukuchonga injongo yentengiso nababukeli elungiselelwe bona	Khetha impendulo efanelekileyo ukubonisa ukuba uyayiqonda intengiso
	ngokuchonga nokusebenzisa ulwazi lwezandi kunye nendlela okanye imigaqo yopelo magama ukubhala amagama angaqhelekanga	Phinda ubhale izivakalisi upele amagama ngokufanelekileyo, anjengoomabizwafane amagama abizwa nabhalwa ngokufanayo kodwa intsingiselo yahlukile
	ngokutolika ulwazi olukwitekisi ezibonwayo ezinjengetshati, umz. Chaza ukufana nomahluko uze ucalule, uthlekise, uchananise ulwazi	Phendula umbuzo othe ngqo ngolwazi olukwitshathi
	ngokutolika ulwazi olukwiitekisi ezibonwayo ezinjengegrafu, umz. Yenza uthlekiso/ufaniso	Khetha impendulo echanekileyo (uthlekiso) kusetyenziswa ulwazi oluvela kwigrafu
UKUBHALA	ukusebenzisa amaxesha ezenzi njengexesha langoku, elidlulileyo, elimiyo, ebelidlula	Bhala kwakhona isivakalisi esikwixesha elidlulileyo sibe kwixesha elidlulileyo
		Bhala kwakhona isivakalisi esikwixesha elidlulileyo sibe kwixesha langoku

	ukuchonga aze asebenzise izimelabizo, izibizo nezihlanganisi ngokuchanekileyo	Khetha impendulo echanekileyo ukubonisa ukuba uyaziqonda izimelabizo, izibizo zezihlanganiso
	ukubhala amagama ukwenza izivakalisi usebenzisa oonobumba abakhulu, uphawu lombuzo, ikoma, uphawu lokukhuza, neempawu zocaphulo	Phinda ubhale izivakalisi usebenzise iziphumlisi ezichanelekileyo
	ukuchonga usebenzise isenzi ngendlela echanelekileyo	Bhala isenzi sivumelane nesibizo esiyintloko (isivumelanisi sentloko)
	ukubhala ibali elimalunga nemihlathi emibini yezivakalisi ezilishumi nangaphezulu, ngesihloko esinikiweyo asebenzise igrama neziphumlisi ngokufanelekileyo.	Bhala ibali elinemihlathi emibini usebenzise ulwimi neziphumlisi ezifanelekileyo